IPHAMBILI YAMKELA NGEZANDLA!

IPHAMBILI YAMKELA NGEZANDLA EZISHUSHU ABASEBENZI ABATSHA BAKAMASIPALA

UMnu Jan Georg Nel	OChwepeshe oyiNtloko
UMnu Lungani Mdingi	Oqeqeshelwa ubuchwepheshe bekhompyutha
UMnu Rejunuld Smith	IGosa elinguMncedisi kuMiselo loMthetho
UMnu T Mgwetana	UMncedisi Jikelele kwiZitrato neMibhobho yaManzi
UMnu AD Goedeman	UMncedisi Jikelele kwiZitrato neMibhobho yaManzi
UMnu B Cronje	UMncedisi Jikelele waManzi nelindle
UNksz R Adonis	UMncedisi Jikelele weNkunkuma
Mnr L A Pieterse	UMncedisi Jikelele weNkunkuma
Ms Zaza P Hlazo	Unobhala/itoliki: kwinkundla eyongezelelweyo

UMCIMI-MLILO WE KHADETHI

Mnr O Steward	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mnr S Joja	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mnr S Booysen	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mnr E Galant	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mnr L Stanley	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mnr M Joemat	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mnr C J Abrahams	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mnr C J Brussel	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mnr C P Cloete	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mnr B Grootboom	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mnr B Hess	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mnr S Mckay	Umcimi-mlilo wekhadethi
Me L A Swartz	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mnr T Arendse	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mnr B Abrahams	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mnr T G Sameuls	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mnr N van Wyk	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mnr E Bossi	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mnr M Ackers	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mnr J Viviers	Umcimi-mlilo wekhadethi
Me P Snyders	Umcimi-mlilo wekhadethi
Me E Kriel	Umcimi-mlilo wekhadethi
Me S Coert	Umcimi-mlilo wekhadethi
Ms G Pilingane	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mr M Langatye	Umcimi-mlilo wekhadethi
Mr M Nompumza	Umcimi-mlilo wekhadethi

ABANCEDISI BABANYANZELISI MTHETHO

Ms N Makhendlana	Umcedisi womnyanzelisi mthetho
Ms A Sigwili	Umcedisi womnyanzelisi mthetho
Mr C J Gibson	Umcedisi womnyanzelisi mthetho
Mr U O Titus	Umcedisi womnyanzelisi mthetho
Mr V C Dyonkile	Umcedisi womnyanzelisi mthetho
Mr C B K de Roode	Umcedisi womnyanzelisi mthetho
Mnr W C Fourie	Umcedisi womnyanzelisi mthetho
Mr T Cekiso	Umcedisi womnyanzelisi mthetho
Mr N M Kanunu	Umcedisi womnyanzelisi mthetho
Mr M J Spandiel	Umcedisi womnyanzelisi mthetho
Mr M E Hull	Umcedisi womnyanzelisi mthetho
Mr T Bazier	Umcedisi womnyanzelisi mthetho
Ms N Kepkar	Umcedisi womnyanzelisi mthetho
Mr D J Coert	Umcedisi womnyanzelisi mthetho
Ms E E Pieters	Umcedisi wamagosa endlela
Mr J-C Marais	Umcedisi wamagosa endlela
Mr T E Williams	Umcedisi wamagosa endlela
Ms T Qobani	Umcedisi wamagosa endlela
Ms C L Fransman	Umcedisi wamagosa endlela
Mr H G Carelse	Umcedisi wamagosa endlela
Mr S Pongomile	Umcedisi wamagosa endlela
Ms K B Jimlongo	Umcedisi wamagosa endlela
Mr T S Maki	Umcedisi wamagosa endlela
Ms N Kholisile	Umcedisi wamagosa endlela
Ms A A Arendse	Umcedisi wamagosa endlela
Ms N P Phelewu	Umcedisi wamagosa endlela
Mr L De Villiers	Umcedisi wamagosa endlela
Me M Coetzee	Umcedisi wamagosa endlela
Mr O R A Jacobs	Umcedisi wamagosa endlela

SIVUYISANA NABA BASEBENZI ABATHE BANYUSELWA

UMnu Tyrol Mackenzie	UMcimi-mlilo osafundayo
UMnu Teboho Ponoane	Okwinkundla eyongelelelweyo
UNksz Mari Muller	Unobhala omkhulu: Kontrathi, ithenda & neprojekthi
UMnu Bulelani Boto	UMsebenzi ngamanzi nemibhobho yawo/ iplamba
UNksz Ynanda Lemmer	UMhloli weNkundla eyoNgezelelweyo
UNksz M Stoman	UNobhala oyiNtloko kulawulo lwemisebenzi
UNksz L Gcobo	UNobhala oyiNtloko kulawulo lwemisebenzi

Qaphela ngenxa yolwakhiwo kwakhona, aba bantu balandelayo bakubizwa ngokuba "ngamaGosa oThutho" kwiixa elizayo: UNksz Merle van Vuuren, uNksz Monica Mzamo noMnu Franquin Malgas

KWABO BADLULISELWE KWEZINYE IZIKHUNDLA OKUHLE KODWA KWIMIZAMO YENU

UNksk Francine Brewell	UMhloli weZakhiwo
UMnu Gerhard Burger	UMncedisi Jikelele wamanzi nelindle
UMnu Pieter Jantjies	UMncedisi Jikelele weZitrato neMibhobho yaManzi
UMnu Petrus Roux	UMcwangcisi-dolophu
UMnu Owen Steward	UMcimi-mlilo osafundayo

UMZANTSI AFRIKA WAHLASELA NGAMANDLA IGHANA KWITONAMENTANA YE-AFCON

Njengesiqhelo, iOverstrand izisingathele iTonamentana yayo ye-AFCON ngexesha likaFebruwari oko kusenzelwa ulutsha lwethu oluzintshatsheli zebhola (bonke bengaphantsi kweminyaka eli-15) besuka eGansbaai, eStanford, eMt Pleasant, eZwelihle naseKleinmond.

Bethatha inxaxheba kumaqela amabini, amaqela esibhozo anabadlali abahlanu kwiqela ngalinye, bonke bekhuphisana ngokwenkqubo yamanqaku besilwela indawo kumdlalo wokugqibela. Ukwangeza okuncinci koku iqela ngalinye bekunyanzeleke ukuba lizinike igama ngokwamaqela ezizwe ezithi ngaxeshanye zibe zidlala kwimidlalo yokwenyani ye-Africa Cup of Nations.

Izakhono olu lutsha oluzibonisileyo ebaleni lemidlalo zibonisa ukuba olu lutsha lunengomso eliqaqambileyo ekudlaleleni isizwe, oku kungenza ukuba aBafana Bafana bayazi ngomso indawo abanokujonga kuyo italente.

Nangona kunjalo, uMlawuli wemiDlalo noLonwabo uAyanda Stali uthe wathembisa ukuba oku uya kusondeza kwabo bachonga italente kule tonamenti, uMzantsi Afrika (iZwelihle) wahlule iGhana (iGansbaai) ngamanqaku ama-2 e-0 kumdlalo apho wawumisa ababukeli ngenyawo ukususela ekuqaleni ukuya ekupheleni kwawo. Kwenzeke eso kumdlalo owandulela owokugqibela owawuphakathi kwabohluliweyo (iGansbaai) neMali (kwanayo ephuma eZwelihle) ethe yafundiswa isifundo engasozé isilibale kwibhola ekhatywayo.

Bekukho nomculo ihouse kaDJ Siya kwakunye nosasazo obelwenziwe nguBrine Nofotyo ophuma kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko nemiDlalo, izihlwele ebezilapho kulo msitho kwibala lemidlalo laseZwelihle zingathi xa zijonga ngemva zifumanise ukuba olo ibilusuku olumnandi kakhulu. Amarhe athi amehlo abanye agcwala iinyembezi xa uCeba Macotha enikezela iimbasa kwabaphumeleleyo boMzantsi Afrika!

uMaggie Gouws

uElmarie uGlenda

Abaqu qu zeleli beShavathon bebesingathe umsitho wabo kwizakhiwo zethu ngoLwesine, umhla we-12 kuMatshi 2015 ukususela ngentsimbi ye-09:00 kusasa. Lo msitho ubuthathe indawo kwifoya ephakathi kweethala leencwadi neholo. Eli phulo liyinkxaso kwi-CANSA Relay yomsitho obubanjwa ngomhla we-14 nowe-15 Matshi 2015. Usodolophu uNicholette Botha-Guthrie ebeyinxalenye yalomsitho njenge galelo lakhe ukubonisa inkxaso kwabo ba banesisifo nabo bachaphazelekileyo. Abasebenzi bawuxhasile lomsitho kodwa khange baphume ngohlobo ebekumele benzengalo. Kwabo baphumileyo senza umbulelo ongazenzisiyo nangomso! Sinethemba kwixesha elizayo wonke ubani uyakwenza elakhe igalelo. Kubalulekile wonke ubani inze elakhe igalelo nganjengoko.

Overstrand Personeelblad/Staff Newsletter

Phambili! Vorentoe/Forward

Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality OVERSTRAND

Indaba 1 FEBHRUWARI / MATSHI / APRELI 2015

EDITOR'S NOTE

INGABA LIXESHA LOKUZIBHENCA ELI?

Njengoko intetho isitsho ukuba ixesha liyakhawuleza xa kukho into ekonwabisayo. Sigqibele nini ukuzikisa ukucinga ngoba ixesha elininzi wonke ubani ebexakekile ngamalungiselelo iKrismesi, kusenziwa izicwangciso zokubhiyozela unyaka omtsha kwaye enyanisweni senze nezibhambathiso zonyaka omtsha esingazigciniyo.

Nangona kunjalo ubomi bona buyaqhubeka.

Loo ngxelo ifuna ukunikwa ingqwalasela, kungaba mhlawumbi kukungathatheli ingqalelo impilo yakho kwaye oko kungakubangela ukuba uzibone sele usesibhedlele ngomso. Mhlawumbi kungaba kukuba awulilandeli ngendlela iphupha lakho uze ukwenze ngcono oko ukwenzayo, intlungu onayo ingabangela isibane sethemba esivuthayo onaso kunyana wakho okanye intombi yakho sicime umphelo.

Kolu ushicilelo lwePhambili kukho amabali empumelelo abubungqina: abaqhine iqhina lomtshato ngosuku lweValentine; abantu abatsha abanethemba abenze konke abanokukwenza ngethuba abalinikwe ngu-EPWP ngethemba lokuba bazidalele ithuba lomsebenzi lobomi; abadlali bebhola ekhatywayo abaphumeleleyo kumdlalo wabo welizwe labo; amathala eencwadi enza konke anokukwenza ukwenzela ukuba abe ngumthombo wolwazi; nomasipala ohileli eliziko lobungcali lomntu wonke elimnika iinkonzo.

Amabali anexabiso elikhulu. Amabali akwenza ubuze: Livela kanjani elam ibali lobomi?

Masiqubisane nayo inyani, uya kuthi efika uMatshi sibe sesizilibele kwaphela izibhambathiso zethu ebesizenze ekuqaleni konyaka. Kodwa ke ungaxhalabi oko kuyenzeka.

Kodwa ke okunye okwenzekayo kukuba singakwazi ukuziphakamisa kwiimeko esikuzo kwaye simelane nosuku olulandelayo sizibambe zaqina izibhambathiso zethu ukuze sazi esikufunayo ebomini.

Andinazo zonke iimpendulo zokusombulula iimeko esithi sidibane nazo singabanye ngeli xesha lonyaka, kodwa ndinganika le ngcebiswana:

Zibone ungumntu onamacala asixhenxe: Elinye lelolunti, elovakalelo, elenkolo, elamakhondo emisebenzi, elengqondo nelenyama onke la macala esebenza kwindawo ethile.

Ukuba uphumelele ukuba nganye kwezi zinto idibane kwimpilo yakho umgangatho wobomi bakho uya kuphucuka kangangokuba kungaze kube kho mfuneko yokwenza izifungo zonyaka omtsha.

Mandikubuze le mibuzo ilandelayo:

Ingaba unengxaki ekusebenzisaneni nabo bakufuphi kuwe? Ukuba kunjalo zibuze ukuba kutheni: Ingaba kufanele ukuba usebenze nzima ekudaleni ubudlelwane obububo nosapho lwakho, abahlobo kwakunye nabo usebenza nabo?

Gcina oku engqondweni yakho ukwenza ubudlelwane apho ukwabelana ngezimvo kungenzeka ngokukhululekileyo, kufanele kuqala siziqonde thina. Ngokufutshane, kufanele sikwazi ukulawula iimvakalelo zethu ezifana nomsindo, uloyiko, ukukhathazeka, uxinzelelo, ithemba, uthando, uvuyo nolonwabo phambi kokuba sivule iintliziyo zethu neengqondo zamkele iimvakalelo zabo sabelana nabo ubomi bethu.

Kude kuse emaphakadeni.

KwiPhambili elandelayo siza kujonga ngokunzulu ezinye iindlela ezikhokelela ekubeni njengabantu ubomi bethu buzinze.

Side sibuye sibonane, wuzameni umzamo omhle, ningayeki ukunyuka nisithi nisenkcochoyini!

Noluthando Zweni
Umhleli/Editor

AMATHALA EENCWADI ASEOVERSTRAND AKULUHLU LWABAPHUMELELAYO BESEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO

Usodolophu uNicolette Botha-Guthrie noMphathi kaMasipala uCoenie Groenwald bekune neeNabaphathi bamathala encwadi ababini uBelinda May kwithala lencwadi eHawston no Alet Kotze kwithala lencwadi eHermanus kunye nomphathi weNgingqi yaseHermanus.

Ngokwenjongo yalo yokudala ukuzingca nokuzethemba kubantu baseNtshona Koloni ngokwembali, inkcubeko nelifa labo lemveli, umsitho weembasa waminyaka le owenziwa liSebe lePhondo leMicimbi yeNkcubeko nemiDlalo nobubanjelwe eBaxter Theatre ngoMvulo, umhla we-9 Febhruwari uthe kulo nyaka wothulela umnqwazi abo babe negalelo ekwenzeni iKapa elinomtsalane neliquka wonke ubani.

Ngokwenqobo zokugweba onazo engqondweni nokwazi kwakho amaziko akhoyo kulo lonke iphondo nabengenele, iThala leeNcwadi laseHawston kufanele liqhwatyelwe izandla ngokuthi lithathe indawo yokuqala kwinqobo yokugweba "yeThala leeNcwadi eliphuma phambili ekuhambiseni iiNkonzo zaBatsha" ukwaleka apho liphinde libuye nembasa eyodwa eququzelelwa nguMphathiswa "yempumelelo eyodlula konke kubugcisa nenkcubeko, iilwimi, ilifa lemveli, ukuthiywa ngokutsha nokulungelelaniswa kwamagama eendawo, iimyuziyam, amathala eencwadi okanye indawo yolondolozo lweenkcukacha ezibalulekileyo" nejolise kulutsha.

Nisebenzile!

Singabethwanga, neThala leeNcwadi laseHermanus lizamile kakhulu ngokuthi liwongwe "njengeThala leeNcwadi lonyaka eliKhulu neliNgcono".

Siyayiqonda eyokuba impumelelo yala mathala eencwadi zinzame zabo bonke ababandakanyekayo kwezokwenza ngaphezulu kokuba bekulindelwe ukwanelisa abo batyelela amathala abo. Inyani yeyokuba la mathala eencwadi angamakhaya esibini kubafundi abaninzi apho bavumelekileyo ukuba bangene benze imisebenzi yabo kwaye ngamaxesha onke balindele ukuba bamkelwe ngoncumo olubenza bazi ukuba banemvume yokujonga nantoni na abafuna ukuyijonga.

SIBULELA KUWE NGOBA UMASIPALA WASE-OVERSTRAND UNGOPHAMBILI KWIZWE LONKE

Ekupheleni konyaka wama-2014 umlawuli womasipala wakhupha isaziso sokuba iOverstrand iwongwe ngembassa yokuba ngoyena masipala wasekhaya ophuma phambili kwizwe lonke. Ezi ziindaba ezimnandi kakhulu, nezifezekiswe ngenxa yokuba iqela lamapolisa aseOverstrand lizinikele ngokungazenzisiyo emsebenzini walo wokwenza lo masipala abe liziko eliphume izandla kwabo bahlala kulo.

Ngokufutshane: Ukuba ubani kufanele abulelwe ngomsebenzi omhle lowo mntu nguwe.

Ukwngeza, emva kwezi ndaba kuye kwafika uMphicothi-ziNcwadi Jikelele woMzantsi Afrika olu ndwendwelo ibingelulo undwendwelo nje, baphalaze neendaba zophicotho-zincwadi olungenachaphaza lwaseOverstrand bejonge ukusebenzisa lo masipala nabanye bephondo njengemizekelo yomasipala abasebenzayo elizweni.

Okunye okuhle nokwenziwe nguwe njengomsebenzi womasipala kuba uMphicothi-ziNcwadi Jikelele neqela lakhe bathe bazingca lulwandlalo ntetho lwesimo somasipala weOverstrand bathe baboniswa liqela likasodolophu imeko yaseOverstrand bazibonela ngokwabo kutyelelo obelwenziwe lweeprojekthi zethu eziphuma phambili bebona nokuba lo "masipala wohlaza" indlela abakhathalele ngayo abantu bakhe.

Ngamafutshane ke qiniseka ukuba uzibetha egxeni ngomsebenzi omhle kangaka kungoko nathi sisithi enkosi.

UKUNGENA NGEXESHA EMSEBENZINI LIMKILE IXESHA, LISONDELE ELOKUKLOKHA!

UMasipala waseOverstrand uqhubela phambili kwaye uhamba namaxesha angoku ekunikezeni inkonzo eyiyo. Ngelishwa utshintsho luthi luze nenkxalabo kubasebenzi, ngelishwa ukuba oko kuza nemiqathango yokubek' esweni indlela abaphangela ngayo xa behambisa iinkonzo ekufanele bezihambisile.

Ukumiselwa kwenkqubo yokuphangela nokungena ngexesha emsebenzini yenye yeendlela yokulawula abasebenzi ukuqinisekisa ukuba baphangele nokuqinisekisa ukuba iinkonzo zihanjiswa ngokukuko. Ukuyeka ukusebenzisa inkqubo endala yokubhala emaphepheni xa ikloka emsebenzini le nkqubo intsha iya kwenza ukuba zonke iinkcukacha ezifakiweyo ibe zezichanekileyo zexesha umsebenzi angene ngalo nenza ngalo iinkonzo zikamasipala.

Ngowama-2014, umasipala uthenge ubuxhaka-xhaka bale mihla okwaziyo ukuhamba nabo obubizwa ngokuba yi-Kronos nobuthengwe kwa-Bytes Systems Integration, neyinkampani eyaziwayo kwihlabathi jikelele. I-Kronos inika indlela yale mihla ephucukileyo nonokuyisebenzisa ukloke ngayo naphi na apho ukhoyo usebenzisa esi sixhobo sakho usikhethileyo. Obu buxhaka-xhaka bungasetyenziswa naphi na kwindawo ezimiselwe ukuba busebenze kuzo, umzekelo bungasebenza ngeAndiod neApple, apho abanye abaniki zinkonzo besebenzisa (ubuxhaka-xhaka obakhelweyo ukwenzela ukuba kuklokwe) kodwa hayi iindlela zobuxhaka-xhaka ozokhethelayo.

Njengenkqubo yethu yasemsebenzini, ubuxhaka-xhaka beKronos buyasebenza. Ngoko ke nokuba uya phi uyakukwazi ukusebenzisa esi sixhobo seKronos: naphi na, nanini na.

Indlela yokuphunyezwa kwesi sicwangciso-qhinga

- Ngexa lenqanaba loku-1 sakuyiphumeza le nkqubo yobuxhaka-xhaka size sisihambise isixhobo esisetyenziswayo kwiindawo ekufanele zibe kuzo. Oku kuquka nokuyingenisa kwiPayDay. Sicinga ukuyigqibezela le nkqubo ngoMatshi 2015.
- Xa esi sixhobo sokuklokha sithe saziswa, sakuqhubeka nesicwangciso-qhinga sokucwangcisa indlela yokumiselwa kwezixhobo zokusebenza. Oku sizimisele ukugqiba kwiinyanga ezintandathu ezilandelayo.
- Emva koko le nkqubo yokukloka iya kumiselwa kuzo zonke iindawo zikamasipala kufakelwe izixhobo ezingama-60 kwiindawo eziphambili zikamasipala. Abasebenzi bakuklokha xa kuqala imini naxa bephuma ekupheleni kosuku. Kukho ke imibuzo emininzi ethi uza kuthini xa uye entlanganisweni okanye ukwenye iofisi. Sizimisele ukuba sisombulule yonke imibuzo sinike nezisombululo kwiiseshini zethu zoqeqesho. Umzekelo woku ngowokuba xa umsebenzi esentlanganisweni imini yonke, kufanele angene kwesi sixhobo ngokuthi uthatha usuku lwentlanganiso kwi-ESS PayDay. Ngokokumanyaniswa kweKronos, le nkqubo ngoko ke yokuklokha nokusebenza 'yokwazi' ukuba umsebenzi athathe usuku lokuya entlanganisweni.
- Ngoko ke ukuqaliswa kokusetyenziswa kwale nkqubo nokulawulwa kwayo kunye noqeqesho lokukloka kokwenziwa kubo bonke omasipala oko kwakuquka nenqanaba loku-1. Sakubaxhasa abasebenzi bethu ukuqinisekisa ukuba bayawuqonda kakuhle umcimbi wokuklokha, kwaye siyakuqinisekisa ukuba loo nto ayisayi kuba nzima.
- Inqanaba lethu lesibini kukwenziwa kwesicwangciso-qhinga sokusetyenziswa kwesi sixhobo kumaqela asebenza kwiindawo eziphandle kwakunye nabasebenzi abangamalalela.

Ukwenza oku kwakufuneka izixhobo ezininzi nekwakuthi zibekelwe imali kwixa elizayo.

Nceda wazi ukuba iPhambili iya kuhlala ikwazisa ngako konke okwenzekayo kwaye sijonge phambili ukwenza esi sixhobo sisebenze kwaye sikonwabele ukwenza oko sisonke nabasebenzi bethu!

ABASEBENZI BETHUTYANA BANGAPHAMBILI NABAXHAMLA KWINKQUBO YE-EPWP ABANGAMASHUMI AMATHANDATHU BASEBENZA ISIGXINA E-OVERSTRAND

Kumsitho owodwa wokufundisa ngokulindelekileyo kubasebenzi baseOverstrand nobubanjwe ngoDisemba kunyaka odlulileyo, abo bebengabaxhamli kwiNkqubo oyoNgezelelweyo yeMisebenzi yoLuntu (EPWP) abangama-60 banikwe ithemba nesivumelwano esitsha ebomini. Emva kokuba befumene amava kumacandelo emithetho yendlela, icandelo logcino-mthetho, nelokulwa imililo, aba bantu batsha bakulungele ngoku ukuqala ukwenza oko bebekufundiswa bekwenza ngoku njengabasebenzi abaqashwe isigxina nguMasipala waseOverstrand.

Abaxhamli abathathu nabalindele ukuba nengomso eliqaqambileyo ngenxa yobuhlakani phakathi kwawo onke amacandelo karhulumente noluntu bachaza indlela abaziva ngayo kwiPhambili.

Igosa lezendlela uJay-Cee Marais waseHawston nonezicwangciso zokuqhuba ngezifundo zakhe eGene Louw Traffic College uthe "andikwazi ukuzichaza indlela endiziva ngayo kuba ndinomsebenzi osisigxina. Ukusebenza nzima kwam nokuzimisela kube lulutho, kwaye ngoku ndingazilungiselela ukuba nam ndibe negalelo kukhuseleko loluntu lwam".

NgokukaJaundre Viviers osaqeqeshelwa ukulwa nemililo waseHermanus uthe i-EPWP imnike ithuba lokuba aqeqeshelwe isakhono ekukudala esifuna. 'Ndivuya kakhulu ngokunikwa ithuba lokusebenzela uluntu lwam ngokuzingca nam ndenze umahluko. Eli thuba ndilinikiweyo likhulu kakhulu ebomini bam lokuba ndenze indima eluntwini lwam. Ukuba ngumntu olwa imililo kundenza ndizive ndizakukhusela uluntu lwam ndilukhusele kwiimeko ezinobungozi" utshilo uViviers.

OnguMncedisi kuGcino-mthetho iGosa uCourtney de Rhode waseHermanus uyinxiba ngebhongo iyunifomu yakhe yonke le mihla enenkolelo yokuba abanye abantwana bangafunda kuye. "Eli thuba libe nentsingiselo ebomini bam, libonisile ukuba ndiyakwazi ukufezekisa amaphupha am," utshilo uDe Rhode. Ukholelwa ekubeni ulindelwe kokuhle nokungcono ebomini kwaye uzimisele ukusebenza nzima ukuze afikelele kwiphupha lakhe.

Lo msitho ububanjelwe kwiCivic Auditorium kwaye uzinyaswe nguSekela Mphathiswa weMisebenzi yoLuntu uJeremy Cronin, uSodolophu, uMlawuli kaMasipala uCoenie Groenewald, uMlawuli weeNkonzo zoKhuseleko uNeville Michaels, uMlawuli woPhuhliso loQoqosho lwamaKhaya uSolomzi Madikane noMlawuli weeNkonzo zoLawulo uDesiree Arrison.

KUHLE UKUNDWENDWELA IWEBHUSAYITHI EYENZIWE YANGCONO

Emva konyaka wezicwangciso ezimandla, kuqokelelwa ulwazi kuchithwa neeyure ezinde kusetyenzwa nzima, imizamo yeqela elisebenza nge-webhu lisenzela ukuba iwebhusayithi kamasipala waseOverstrand yenziwe kutsha , oko kuthe kwazaliseka xa isigaba sokuqala sithe senziwa sasebenza ngoMvulo umhla we-9 Febhruwari 2015.

Eli qela lifuna ukuqhwatyelwa izandla ngomsebenzi walo omhle, nangenkangeleko yawo, iwebhusayithi yenza umdla kakhulu ngoku xa uyindwendwele. Okwenza ntsha indlela eyakhiwe ngayo nenkqubo eyisebenzisayo yonke loo nto yenza sibe neqonga elingaphelelanga ekwenzeni ngcono nje kweenkonzo esizihambisayo koko nelisebenza njengesixhobo sokuphakamisa imisebenzi yethu nesingazingca ngaso.

Ukuba awukayindwendweli le webhusayithi, nceda utyelele **u-www.overstrand.gov.za** ukubona konke okutsha ngoMasipala waseOverstrand. Ukubona ukuba luninzi ulwazi olukwiwebhusayithi endala ekufanele lukhutshelwe kwentsha, sicela uncedo lwakho ukuqinisekisa ukuba zonke iinkcukacha zikhutshelwe ngokukuko, kwaye akukho nto ebekwe ngokungafanelekanga 'endaweni engeyiyo".

Ngoko ke nceda uqwalaselisise ingakumbi iinkcukacha zoqhagamshelwano uncede ke udibane nesebe lonxibelelwano ukuba kukho nayiphi na into efuna ukukulungiswa okanye ihlonyelwe.

INTSUKU ZOKUNDWENDWELA KUKA SARS KU 2015

Intsuku zika SARS kwinyanga kaMatshi wama 2015

Usuku: 10 Matshi 2015
Ixesha: 09:00 - 18:00
Indawo: Moffat hall

Usuku: 11 Matshi 2015
Ixesha: 09:00 -12:00

Indawo: Kwiholo yoluntu eZwelihle
7 April 2015 - eBanquet hall
8 April 2015 - eBanquet hall

12 Meyi 2015 - eMoffat hall
13 Meyi 2015 - eBanquet hall

IMINCILI & USIZI

U-ANVER NO-ALROY BAZIMANYE NGEQHINA LOMTSHATO NGOSUKU LWABATHANDANAYO

NgoMgqibelo umhla we-14 February 2015, usuku olubhiyozelwa zizithandani, lube lusuku olulodwa kwesi sibini sisaze ngobuso elizweni esikhethe olu suku ukuzimanya ngeqhina lomtshato. Usuku lwangoMgqibelo luqale ngokuba lusuku olutshisayo kamnandi, ndithe ndisaqhuba ukuya emtshatweni emva kwemini ndaqaphela ukuba kukho into eyenzekayo esibhakabhakeni, amafu enze uphawu olucace gca lothando olumi njengo-V.

Abantu bahlangene kwiholo bengakwazi ukuzibamba ngemibala embejembeje ehombise elo mholo kwakunye nobuhle bonokrwece obenziwe ngejeli. Ufike umtshakazi kwimizuzu engama-30 phambi kokuba kufike lowo azakuba ngumyeni wakhe, uAnver ufike e nxibe ilokhwe yodidi netsale amehlo abantu, noAlroy uthe wafika ephelekwe nguyise waza wokuma naye, wonke ubani uzive engenakuhlala phantsi wema ngenyawo wayiyizela ukubonisa uchulumanco kubo abazimanyayo.

Emva komsitho ondilisekileyo, ngexesha esi sibini senza izibhambathiso, uAlroy kwintetho yakhe uchazele abantu ngendlela abadibana ngayo okokuqala kuludwe lweevenkile eKapa ngowama-2012 kodwa ke wazama ixesha elide engalungi kwada ngelingeni waza wamkelwa ngomnye baza ekugqibeleni baba ngabathandanayo.

Nabani na obekho apho ulingqina lokuba esi sibini singumzekelo wothando olululo, sibanqwenelela okuhle kodwa, wanga uBawo angaluqhuba lukhawuleze uhambo lwabo olusinga empumelelweni yasemtshatweni.

NGXATSHO KE!

Ryan Olivier

Sinqwenela ukuvuyisana noRyan Olivier ongunyana kaHenk Olivier ongumyili-dolophu ophezulu waseHermanus. Kukhuphiswano lweembaleki eHermanus High School obelungomhla wama-30 Januywari 2015, uRyan Olivier uphumelele iwonga lokuba yi-junior Victor Ludorum ngokufumana awona manqaku maninzi kwiqela elikubudala bakhe. Uphume kwindawo yesibini kwi-100m nakwi-200m yamakhwenkwe aminyaka ingaphantsi kweminyaka eli-14. Ube ngomnye kwababambene kwindawo yokuqala kwi-long jump waphuma kwindawo yesithathu kwi-shotput nakwi-high jump.

- Ngomhla we-15 Janyuwari 2015 uH Jacobs kwiCandelo laManzi noGutyulolindle ube ngutata wosana oluyinkwenkwe. Igama lale nkwenkwe nguElgin Heinrich Jacobs.
- U-Zed Ndoloshe kugutyulo naye ube ngutata wentombi egama linguSomila Worship Sotyabase.

UCONNOR PEDRO KWI-SA JUNIOR CHESS

UConnor unyana kaDedre Pedro osebenza kwa-Community Services ukwiqela le-chess loMzantsi Afrika labangaphantsi kweminyaka eli-13 ngeli lixa eseneminyaka eli-11 kuphela. UConnor uthathe inxaxheba eKimberley kukhuphiswano lobuntshatsheli lwe-SA Juniors ukususela ngomhla we-3 de yangowe-10 Janyuwari 2015. Imidlalo yowama-2015 ye-chess iyaqhuba kwaye badlale imidlalo yokuqala yeBoland eWellington apho baphumelele imidlalo emi-6 kwe-7. Imidlalo yokugqibela yeBoland iza kuba ngomhla wama-28 Matshi 2015 eCeres apho amaqela eNtshona Kapa aza kwaziswa. Simnqwenelela konke okuhle uConnor kumdlalo wakhe.

KUNGOVELWANO

- Kungovelwano ukunazisa ngokushiywa ngo Johan Myburgh, ongunakubo Mnz Francois (Kat) Myburgh, ongu Mphathi wengingqi: eGansbaai, Oyewatshona ngoLwesiThathu, umhla we 7 kuJanyuwari wama 2015. Sivelana noMnz Myburgh kunye nezihlobo zakhe kwelixesha linzima.
- UAdenell Bailey (Unobhala ka Mike Bartman) uswelekelwe ngumamazala wakhe.

URetha ngumakhulu!

Siyavuyisana noRetha Rust (I-ofisi yemivuzo) ngokuzalwa komzukulwana wakhe wokuqala. Usana olunguZara Leigh Burger luvele ngomhla we-15 Janyuwari. Abazali balo ngu nyana karetha uHendri nomolokazana wakhe uLeigh-Ann. Uvele kwiiveki ezingama-34 ubunzima bakhe buzi-2,16 kg. Wonke umntu uye wanxuba esakuva ukuba uza kuvela phambi kwexesha kangako - ingakumbi xa becinga ngentlungu yosana olungaphambili.

Kunjalo uZara Leigh wonwabile kwaye uphilile ukhula kakuhle kakhulu. Kwasekuveleni kwakhe uphefumla nje kakuhle utya nje ngetyhubhu yokutya. Eli gorhakazi lentombi sele lizichukumisile iintliziyo zabo bonke, kwaye umakhulu uRetha ululindile ngamehlo abomvu olo suku lokwamkela umama, utata nenkosazana encinane.

ABASEBENZI BASE-PREEKSTOEL BAFUMENE INDAWO ENTLE

Ngubani othe ukutshintsha ii-ofisi yinto embi? Iqela labasebenzi abali-10 abatshintshele kwii-ofisi ezintsha ePreekstoel ezijonge kwicala elihle kakhulu lentaba nolwandle ngokuqinisekileyo alivumelani nolu luvo. Apha uMike Bartman, uHanre Blignaut, uAdenel Bayley, uJohan van Taak,, uPatrick Robinson, uGoosen le Roux, uDedre Pedro, uTohlen Oppelt, uLauren Rainbird noDjali bamanyene njengosapho ngexesha leKresimesi yabo yokuqal kwezi ofisi zintsha.

INTSINGISELO YOTHANDO

Intsingiselo yothando ingaqukwa ngegama elinye kuthiwe; Alujiki – okuthetha ukuba ukuthanda umntu nazo zonke iimpazamo zakhe; ukwamkela konke okuyiyantlukwano omnye komnye; kwaye nokuzimisela ukuhlangabezana nako konke aza nako .

Uthando lwenzeka xa usazi ukuba lukufanele olu thando ulufumanayo. Kodwa ke uthando yinto yokwenyani hayi into eqwetywayo.

Ngoba ukuba uthandwa ngenene uzakuqinisekisa ukuba wenza nantoni na ukuqinisekisa ulonwabo lwenu nobabini.

Ngaso ke esi sizathu uthando olungasekwanga enyanini asilulo uthando.

Ukuba uzinikela ngenene nangenyaniso komnye nakulonwabo lwenu, oko kuzinikela makuvele macala omabini.

Ukuba omabini amacala ayathembana oko kudala ukukhathalelana kwaye kuyakwenza ukuba uthando lukhule.

ITHEKO LABANTU ABATHATHU BELIBANJELWE KWISEBE LABAQOKELELI BEZIMALI

Isebe eliqokelela imali belisuku olumanxadanxada ngolwesiHlanu umhla we 27 Matshi, ukuhleba nje. Babambe lomatheko mathathu bawadibanisa yalitheko elinye. Bebesithi ndlelantle ku Teboho Ponoane oye wafumana umsebenzi kwelinye isebe ejoyina isebe elitsha le Nkundla eyongezelelweyo njengonoBhala/ ikheshiya ukususela ngomhla woku 1 kuMatshi wama 2015.

UVinessa Van Heerden yena bekuvuyiswana naye njengoko ebetshata ngoMgqibelo, umhla we 28 kuFebhuwari. UnguNkosikazi Niemand ndithethanawe nje kanti uLuwanda Mafuya yena bekuvuyiswana naye nanjengoko ebezakulizwa ngomntwana okungokunje ungumama ozingcayo kaMangaliso athe wamfumana ngoLwesibini, umhla we 3 kuMatshi wama 2015. Sibanqwenelela okuhle kodwa kwimpumelelo zabo.

AMAGQIYAZANA ASEBENZA KWISEBE LASE GANSBAAI BEHOMBELE USUKU LWEZITHANDANI.

U-ELVIDA UMFUMENE UNDOFA-NAYE

U-Elvida akazange acinge nakanye ukuba ukudibana kwakhe noConrad Swartz ngelixa apho wayetyelele umzala wakhe ekuqaleni kowama-2014 kungaba neziphumo ezinje ngokuba abe uyatshata. Ngenene oko kwenzekile. "Kuthe kusenjalo kwacaca mhlophe ukuba sithandana kakhulu kwaye asikwazi ukuhlala ngaphandle komnye" utshilo u-Elvida. UConrad wamothusa kakhulu u-Elvida xa wayecela umtshato ngomhla we-13 kuJuni wonyaka odlulileyo, emva koko esi sibini sizibhaqe sesisenza amalungiselelo omtshato - usuku abalubekela bucala ukubhiyoza kunye nezihlobo nezalamane zabo.



Olo suku yaba lusuku lomhla wama-22 Septemba 2014. Nangona uConrad wamlindisa u-Elvida ngaphezulu kweyure (uConrad uhlekise wathi wayesele enombono ka-Elvida esimka kweli embaleka), Loo mtshato waqhutywa kusasa uqhutyelwa kwiBandla lamaMoriva eliseHawston, waba ngomhle nonempumelelo kakhulu.

Emva kwalo msitho wawundilisekile kakhuklu nonempumelelo kwalandela isidlo sexesha lasemini sityelwa kwakule nkonzo yamaMoriva. Bemanyene ngeqhina lomtshato, u-Elvina ube nomyalezwana omhle nomfutshane othi: "umtshato ungcwele kwaye uyakubophelela. Ulungiselelwe ukuba njalo kwaye kufanele ukuba nithandane, nihloniphane nibe sisibini esiseluxolweni njengendoda nomfazi".